## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | | |
|---|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi | (2 x 25) | (50) |

2. Phendula umbuzo ubeMNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba ucwangcise (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/ amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngokucwangcisa PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kulo lonke uyilo ukuba uthe walwenza.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu engama-100 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40) |

8 Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

### UMBUZO 1

1.1 Unyaka endingasokuze ndiwulibale. **[50]**

1.2 Abamelwane. **[50]**

1.3 UNelson Mandela wakha wathi, 'Endaweni yokundigweba ngokujonga impumelelo yam kuphela, gqala namatyeli endiye ndawa ndaphinda ndavuka ngawo.' **[50]**


1.4 Imbila yaswela umsila ngokuyalezela. **[50]**

1.5 Amaqonga onxibelelwano angasisisombululo. **[50]**

1.6 Le demokhrasi iyingxaki okanye ililifa esingaliboneli ntweni. **[50]**

1.7 Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.bride-price-in-china.com] **[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibeMIBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA ESESIKWENI**

Bhala ileta eya kuSomashishini wengingqi yakho egameni lomthengi ukhalazele ukunyuswa kakhulu kwamaxabiso. **[25]**

2.2 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho ileta uvuyisane naye ngokufumana indebe yehlabathi kugqatso lokuqamba i'*App'.* **[25]**

2.3 **INTETHO ESESIKWENI**

Bhala intetho ukhuthaze abafundi ngokubaluleka kokufunda bengamaqela. **[25]**

2.4 **INQAKU LEMAGAZINI**

Ungumlandeli womculo i'Gqom', niyagxekwa ngabantu. Bhala inqaku lemagazini ucacisele abantu ngexabiso lomculo we'Gqom'. **[25]**

2.5 **INGXELO ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala ingxelo oyinika amalungu ngenqanaba asele ekulo amalungiselelo omsitho wokuvala unyaka wombutho wenu. **[25]**

2.6 **INGXOXO**

Wena noLungile aniboni ngasonye ngomba wokuba kuqalwe ngabantu abanamashumi amathandathu eminyaka nangaphezulu ukugonyelwa isifo seCovid-19. Bhala ingxoxo ephakathi kwakho noLungile. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**